Isifundo 10

**Disemba 1-7*

Ubunye kunye Nolwalamano Oluqhawukileyo

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

2 Tim. 4:11, Filemon 1–25, 2 Kor. 10:12–15, Roma 5:8–11, Efese 4:26, Mat. 18:15–17.

Indima Yenkumbulo:

"Kuba xa sithe, besiziintshaba nje, saxolelaniswa noThixo ngako ukufa koNyana wakhe: kokhona, sixolelanisiwe nje, siya kusindiswa ngobomi bakhe" (Roma 5:10).

Njengoko sibonile, nasemva kwePentekoste ulwalamano phakathi kwamakholwa, maxa wambi, lwalubanzima. ITestamente eNtsha inika imizekelo eliqela yendlela iinkokeli zebandla namalungu ngamanye ayeyiphatha ngayo imingeni enjalo. Le mithetho-siseko ixabiseke kakhulu ebandleni namhlanje. Ibonisa izipumo ezihle ezibakho xa sisebenzisa imithetho-siseko yeBhayibhile ukusombulula ungquzulwano nokuze sigcine ubunye bethu kuKristu. Kwisifundo sale veki, siza kuqwalasela ekubuyiseleni ulwalamano nendlela ulwalamano lwethu olunegalelo ngayo kubunye noKristu. Ulungiselelo lukaMoya Oyingcwele lubandakanya ukusondeza abantu kakhulu kuThixo nomnye komnye. Luquka ukuwiswa kwemiqobo phakathi komnye nomnye. Ngamafutshane, okona kubonakalaliswa kukhulu kwamandla evangeli, asikuko oko ibandla likuthethayo, kodwa yindlela ibandla eliyiphilayo.

"Ngayo le nto baya kwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nithe nathandana" (Yohane 13:35). Ngaphandle kolu thando, konke ukuthetha kwethu ngobunye bebandla, akusayi kuba nto.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaDisemba 8.*

Ubuhlobo Obubuyiselweyo

UPawulos noBharnabhas basebenza kunye bengqina ngoYesu. Babe nokungavani ngokuba, bangamthemba na umntu oligwala njengoYohane Marko (Zenzo 15:36–39). Ingozi eyayinokubakho ekushumayeleni ivangeli yenza ukuba uYohane Marko kwenye indawo amshiye uPawulos waza uBharnabhas wabuyela ekhaya (Zenzo 13:13).“Oku kushiya [umsebenzi] kwambangela uPawulos ukuba amgwebe kakubi, maxa wambi kalukhuni, okwexesha elithile. UBharnabhas, kwelinye icala, yena waba nokumxolela kuba esithi akanawo amava. Wahlupheka kakhulu esithi uMarko makangawushiyi umsebenzi, kuba wayebona apha kuye iimpawu ezazinokumenza ukuba abe ngumsebenzi ofanelekileyo kaKristu.”—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile,* p. [170]. Nangona uThixo wawasebenzisa onke la madoda, imiba phakathi kwawo yayidinga ukusonjululwa. Umpostile owayeshumayela ubabalo wayedinga ukolulela ubabalo kumshumayeli oselula owayemphoxa. Umpostile wokuxolela wayedinga ukuxolela. UYohane Marko wakhula phantsi koncedo olomelezayo lukaBharnabhas (Zenzo 15:39), kwathi, ekugqibeleni, intliziyo kaPawulos yabonakala ichukumiseka zinguqulelo.

Incwadi zikaPawulos eziya kuTimoti kunye nebandla laseKolose, ziluveza njani ulwalamano lwakhe oluhlaziyiweyo noYohane Marko, kwakunye nokumthemba okutsha lo mshumayeli uselula? Col. 4:10, 11; 2 Tim. 4:11.

Nangona imininingwana yoxolelaniso phakathi kukaPawulos noYohane Marko ingaphelelanga, yona ingxelo yeBhayibhile icacile. UYohane Marko waba ngomnye wamaqabane athenjiweyo kampostile. UPawulos waya wamncoma kakhulu uYohane Marko njengom“sebenzi kunye naye” kwibandla laseKolose. Ekupheleni kobomi bukaPawulos, wamkhuthaza ngamandla uTimoti ukuba eze noYohane Marko eRoma kuba, uthi, “unokundinceda kakuhle kumsebenzi wokulungiselela” (2 Tim. 4:11). Ulungiselelo lukaPawulos lwaxhaswa kakhulu ngumshumayeli oselula, ekuqinisekileyo ukuba wayemxolele. Umqobo phakathi kwabo wawuwisiwe, baza bakwazi ukusebenza kunye umsebenzi weendaba ezilungileyo. Nokuba yayiyintoni imiba phakathi kwabo, nokuba uPawulos wayecinga ukuba ufanele kangakanani ukuba yinto awayeyiyo ngaku Yohane Marko, konke oko kwakungasemva ngoku.

Ingakufunda njani ukubaxolela abo basonayo okanye basiphoxayo? Kwangelo xesha linye, kutheni le nto uxolelo lungakholisi ukuquka ukubuyiselwa okupheleleyo kolwalamano oludlulileyo? Kutheni le nto kungasoloko kudingeka ukuba lukwenze oko?

Ukusuka Ebukhobokeni Ukuya Kuba Ngunyana

Ngexesha wayesentolongweni eRoma, uPawulos wahlangana nekhoboka elalibalekile, eligama lalinguOnesimo, owabaleka eKolose waya kufika eRoma. UPawulos waphawula ukuba wayeyazi inkosi kaOnesimo. Incwadi kaFilemon sisibheno esisodwa angokwakhe esiya kumhlobo wakhe ngokubhekiselele kulwalamano olubuyiselweyo nekhoboka elalibalekile. Ulwalamano lwalubalulekile kuPawulos. UPawulos wayesazi ukuba, ulwalamano oluqhawukileyo luyingozi ekukhuleni kwasemoyeni nakubunye ebandleni. UFilemon wayeyinkokeli yebandla eKolose. Ukuba wayeza kufukama ubukrakra ngoku uOnesimo, kwakuza kukubeka ibala ukungqina kwakhe kobuKristu, nokungqina kwebandla kubantu abangakholwayo basekuhlaleni.

Funda: Filemon 1–25. Yimithetho-siseko ethini ngokubuyiselwa kolwalamano esiyifumanayo apha? Khumbula, igama eliyintloko ngu-imithetho-siseko.

Ukuthi krwaqu okokuqala, kuyamangalisa ukuba uPawulos abe akathethi ngamandla ukuchasa ububi bobukhoboka. Kanti ke, indlela kaPawulos yayinempumelelo enkulu. Iindaba ezilungileyo, ngokwemo yazo, ziyaziwisa iindonga zokwahlukana (Gal. 3:28; Kol. 3:10, 11). Umpostile ubuyisela uOnesimo kuFilemon, kungenjengekhoboka kodwa njengonyana wakhe kuYesu nanjengo“mzalwana oyintanda” kaFilemon eNkosini (Filemon 16). UPawulos wayesazi ukuba amakhoboka abelekileyo ayenekamva elimfiliba. Ayegwetyelwe kubomi bokulahla nobuhlwempu. Ngeli xesha ke, umzalwana kaFilemon kuKristu nongumsebenzi onentumekelelo, uOnesimo, wayenokuba nekamva elingcono. Ukutya kwakhe, ukuhlala, nomsebenzi zazinako ezo nto ukuqiniseka phantsi kukaFilemon Ukubuyiselwa kolwalamano oluqhawukileyo kwakunako ukwenza umahluko omkhulu ebomini bakhe Waya waba “ngumzalwana othembekileyo oyintanda” nomsebenzi kwiindaba ezilungileyo kunye noPawulos (Kol. 4:9). UPawulos wayeshushu, eqinile kumnqweno wakhe wokuxolelanisa phakathi kwabo kangangokuba wayekulungele nokuhlawula kweyakhe imali onke amatyala anokuba abakho ngenxa yento eyathi yenzeka phakathi kwamakholwa amabini kuYesu.

Xa usikha kwimithetho-siseko yeendaba ezilungileyo njengoko ibonwa apha, yintoni oyizuzayo enokukunceda ukuba ujongane nalo naluphi uxinzelelo nobunzima; nokuba ziintanda onazo kulwalamano lwakho nabanye? Le mithetho-siseko ingakuthintela njani ukwaphuka kobunye ebandleni lakho ekuhlaleni?

Izipho ZikaMoya Nobunye

Njengoko sibonile kwisifundo esingaphambili, ibandla laseKorinte lalineengxaki ezinzulu. Yimithetho-siseko ethini ayandlalayo uPawulos kwezi ndawo: 1 Korinte 3:5–11, 12:1–11, no-2 Korinte 10:12–15 enokunyanga nokubuyisela izinto ezibaluleke kakhulu kubunye bebandla?

Kwezi ndawo, umpostile wandlala imithetho-siseko ebaluleke kakhulu yobunye bebandla. Walatha ukuba Yesu esebenzisa abasebenzi abahlukeneyo ukufeza ulungiselelo olwahlukeneyo ebandleni laKhe, nangona elowo esebenzela ukuba bebonke bakhe ubukumkani bukaThixo (1 Kor. 3:9). UThixo usibizela ekusebenzisaneni, hayi ekukhuphisaneni. Ikholwa ngalinye linikwe izipho nguThixo ukuba lihlangane ekulungiseleleni nomzimba kaKristu nasekusebenzeleni uluntu ekuhlaleni (1 Kor. 12:11). Akukho zipho zikhulu nezincinane. Zonke ziyafuneka ebandleni likaKristu (1 Kor. 12:18–23). Izipho esiziphiwe nguThixo azizokuboniswa ngomona, kwaye zinikwe nguMoya Oyingcwele ukuba zisebenze ekusasazeni ivangeli.

Konke ukuzithelekisa nabanye akulumkile, kuba ziya kusenza sidaniswe okanye siziphakamise. Ukuba sicinga ukuba abanye banga“phezulu” kakhulu kuthi, siya kuziva sidanile xa sizithelekisa nabo size sityhafe lula kulo lonke ulungiselelo esikulo. Kwelinye icala, ukuba sicinga ukuba ukubulaleka kwethu kunempumelelo kakhulu, kunomsebenzi wabanye, siya kuziva siya kuba nelunda, nto leyo ikukuveza kokugqibela ekufuneka umKristu abe nako. Zombini ezi ngqondo ziyayilimaza impumelelo yethu kuKristu nolwalamano esinalo omnye nomnye. Xa sisebenza kwindawo yempembelelo yethu sinike yona uKristu, siya kuba novuyo nokwaneliseka ekungqineni kwethu ngoKristu. Ukubulaleka kwethu kuya kongeza kumalinge amanye amalungu, lize ibandla likaKristu lenze imitsi emikhulu ngenxa yobukumkani.

Unako na ukucinga ngomntu ozipho zakhe ekulungiseleleni zithe zakwenza wanekhwele? (akunzima, akunjalo?) Kwangelo xesha linye, kukangaphi uziva unekratshi ngezipho zakho xa uthelekisa nezabanye? Eyona nto, ixhala likaPawulos lihleli likho ngakubantu. Nokuba siwela ngakweliphi icala, singayifunda njani ingqondo yokuba nemimoya engenamona efunekayo ukuze sibugcine ubunye bethu kuKristu?

Uxolelo

Luyintoni uxolelo? Ingaba uxolelo luyamthethelela umntu owone ngendlela embi kakhulu? Ingaba ukuxolela kwam kuxhomekeke ekuguqukeni kwalowo undonileyo? Kwenzeka ntoni xa lowo undicaphukisileyo engalufanelanga uxolo lwam?

Ezi ndawo zilandelayo zisinceda njani ukuba siyiqonde imo yokuxolela ngokweBhayibhile? Rom. 5:8–11; Luke 23:31–34; 2 Kor. 5:20, 21; Efese 4:26.

UKristu waluqala ngokwaKhe uxolelaniso naYe. "[Bu]bubele bukaThixo [o]bukusa enguqukweni" (Roma. 2:4). KuKristu saxolelaniswa noThixo sisengaboni. Inguquko yethu nokuvuma kwethu [izono] akwenzi ukuba kubekho uxolelaniso. Kukufa kukaKristu okwenzayo; okwethu thina kukwamkela oko kwenziwayo ngenxa yethu. Yinyaniso ukuba asinako ukwamkela iintsikelelo zoxolelo side sibe sizivumile izono zethu. Oku akuthethi ukuba ukuvuma kwethu kudala uxolelo entliziyweni kaThixo. Uxolelo lwalusentliziyweni yaKhe lonke ixesha. Ukuvuma izono, endaweni yoko, kwenza ukuba silwamkele (1 Yohane 1:9). Ukuvuma kona kubalulekile kakhulu, kungangakuba kuguqula intliziyo kaThixo ngakuthi, kodwa kuba kutshintsha ingqondo yethu ngakuYe. Xa siziyekela ekuthinjweni ngamandla kaMoya Oyingcwele ukuba siguquke, sivume izono zethu, siyatshintshwa.

Uxolelo lukwabalulekile kubomi bethu basemoyeni. Ukungakwazi ukuxolela omnye othe wasona, nokuba akakufanelanga ukuba simxolele, kunako ukusilimaza kakhulu kunokuba kulimaza yena. Ukuba umntu ukonile, buze ubuhlungu bukutye ngaphakathi kuba ungakwazi ukuxolela, uya mvumela ukuba akulimaze ngakumbi. Kuninzi kakhulu ukuzifumana iimvakalelo neentlungu ezinjalo zisenza ukwahlukana nemimoya emibi ebandleni. Iintlungu ezingasonjululwanga phakathi kwamalungu ebandla zihlungisa ubunye bomzimba kaKristu. Uxolelo lukhulula omnye ekugwetyweni sithi kuba uKristu usikhulule ekugwetyweni nguYe. Akusithetheleli isimilo somnye ngakuthi. Sinako ukuxolelaniswa nomntu osonileyo, kuba uKristu wasixolelanisa kuYe sakuba simonile. Sinako ukuxolela kuba sixolelwe. Sinako ukuthanda kuba sathandwa. Uxolelo lukukukhetha. Sinako ukukhetha ukuxolela nokuba izenzo zomnye okanye ingqondo injani. Lo ngumoya wenyaniso kaYesu.

Kungasinceda njani ukuqwalasela ekuxolelweni nguKristu ukufunda ukuxolela abanye? Kungani ukuba oku kuxolela kube ngumba obaluleke kakhulu kumava ethu obuKristu?

Ukubuyiselwa Nobunye

Funda: Mateyu 18:15–17. Ngamanyathelo amathathu athini uYesu asinike wona ukuba asincede sisombulule iimbambano xa soniwe ngamanye amalungu ebandla? Kufuneka siwasebenzise njani la mazwi kwiimeko zethu zeli xesha?

Ulangazelelo lukaYesu ekusinikeni ululeko lukaMateyu 18 kukugcina ingxwabangxwaba esebandleni kwiqela elincinane kangangoko kunokwenzeka. Injongo yaKhe yeyokuba abantu ababini bayisombulule ingxaki ngokwabo. Yiyo le nto uYesu athi, "Ukuba ke umzalwana wakho uthe wakona, yiya umohlwaye inguwe naye ninedwa" (Mat. 18:15). Njengokuba inani labantu elibandakanyeka kwingxabano phakathi kwabantu ababini liya likhula, okona ukungquzulana kuya kusenzeka, kokona kunokuchukumisa ulwalamano lwamanye amakholwa. Abantu bathabatha amacala, kubekho imida yokulwa. Athi xa amaKristu ezama ukucima umlilo owahlulayo ngasese, ekuMoya wothando lobuKristu nokuqondana, imo yoxolelaniso ibe khona. Imeko ilungela ukuba uMoya Oyingcwele asebenze nabo njengoko bezama ukusombulula iiyantlukwano zabo.

Maxa wambi izibheno kumntu ngamnye zokuphelisa ingxwabangxwaba ziye zingabi nasiphummo sisiso. Kwezi meko, uYesu uyasimema ukuba sithabathe omnye okanye ababini babe kunye nathi. Eli nyathelo lesibini kwinkqubo yoxolelaniso isoloko ilandela inyathelo lokuqala. Injongo yeyokuhlanganisa abantu kunye, bangahlukaniswa. Omnye nababini abahlangana naboniweyo, abezi ukuze bazokubeka uluvo lwabo okanye bazokungenelela ekusoleni omnye umntu. Beza ngomoya wothando lobuKristu nemfesane njengabacebisi namaqabane ekuthandazeni ukuze babe negalelo kwinkqubo yokuhlanganisa kunye ababini abangavaniyo.

Abakho amaxesha ethi yonke imizamo yokuxazulula ingxaki ingasebenzi. Kule meko, uYesu usifundisa ukuba umcimbi siwuzise phambi kwebandla. Ngokuqinisekileyo akathethi ngokuphazanyiswa kwenkqubo yeSabatha yenkonzo yakusasa yentshumayelo ngomcimbi wokungavisisani kwabantu. Indawo efanelekileyo yokuzisa lo mcimbi, xa amanyathelo okuqala engakwazanga ukuxolelanisa isibini liliso lebandla. Kwakhona, injongo kaKristu kukuxolelanisa. Asikuko ukugxeka omnye kuze kuthethelelwe omnye.

"Musa ukuvumela intiyo ukuba ivuthwe ibe yinkohlakalo. Musa ukuvumela inxeba ukuba livunde lize ligqabhuke libe ngamazwi ayityhefu, angcolisa ingqondo yabo bawavayo. Musa ukuvumela iingcinga ezikrakra ziqhubeke zizalisa ingqondo yakho kunye neyakhe. Yiya kumzalwana wakho, uthi ngokuzithoba nangokunyaniseka, uwuthethe naye umcimbi."—Ellen G. White, *Gospel Workers*, p. 499.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: the article "Forgiveness," amaph. 825, 826, in *The Ellen G. White Encyclopedia*. "Xa abasebenzi benoKristu ehleli ngaphakathi emiphefumlweni yabo, xa ukufuna okukokwabo kufile, xa bungekho ubutshaba, kungekho ukulwela izikhundla, ukuze ukuthandana omnye nomnye kubonwe kuviwe, ithi imvula yobabalo lukaMoya Oyingcwele iqiniseke ukuna phezu kwabo njengoko isithembiso sikaThixo singasayi kusilela nangesuntswana."—Ellen G. White, *Selected Messages,* book 1, p. 175. "Ukuba kufuneka sime ngemini enkulu kaYehova noKristu eligwiba lokuphephela kwethu, inqaba yethu ephakamileyo, kuza kufuneka siwususe wonke umona, konke ukulwa, nako konke ukufuna izikhundla. Kufuneka sizitshabalalise kuphele iingcambu zezi zinto zenkohlakalo, ukuze zingaphindi zibuyele ebomini. Kufuneka sizibeke siphelele ngakwicala leNkosi."—Ellen G. White, *Last Day Events*, p. 190.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda: Kolose 3:12–17. Bonisanani ngempawu zobuKristu umpostile uPawulos akhuthaza ibandla laseKolose, ukuba lizifune. Yintoni eyenza ukuba ezi mpawu zibe sisiseko saso sonke isisombululo sengxwabangxwaba? Zisikhokela njani ekwenzeni imithetho-siseko asinika yona uYesu kuMateyu 18:15–18?

2. Phindani nikhangele amaKolose 3:12–17 neemfundiso ezifunyanwa kwezi ndima. Kutheni le nto ezi zinto zifuneka ngokupheleleyo kubunye bebandla?

3. Xa sikhangela kwibandla lethu, iSeventh-day Adventist Church, lilonke, uyintoni eyona inkulu esibambayo kuhlobo lobunye obudingekayo ukuze sifikelele ihlabathi? Ingaba ziimfundiso zethu neziluleko zethu? Hayi. Zizinto ezi uThixo asinike ukuba sizivakalise emhlabeni. Mhlawumbi ingxaki ilapha kuthi kanye, kulwalamano lwethu singabantu, iinkcukwana zethu ezincinane, ukusoloko sikhalaza, ukubawa kwethu, ukufuna izikhundla, nawo wonke umkhosi wezinye izinto. Yintoni eyenza ukuba sikhale ngokufuna amandla kaMoya Oyingcwele ukuba azise utshintsho ekufuneka lwenzekile apha kuwe kuqala ngaphambi kokuba sibone ubunye balo lonke ibandla?

Isishwankathelo: Iindaba ezilungileyo zikaYesu Kristu zingokuphiliswa nokuguqulwa zenziwe ngokutsha. Xa oku kwenzekile, akusayi kungasenzi sibe negalelo kubudlelane nabanye. IBhayibhile isinika imithetho-siseko enamandla nemizekelo yendlela esinokuba nobudlelane obuhle nobusondeleyo nabanye nakulo mhlaba uzele sisono.